26 uTshazimpunzi 2023

Imbekiselo yethu: 1520

Kulowo ochaphazelekayo

Othandekayo Obhaliswe Njengeqela Elinomdla Nelichaphazelekayo (I&AP):

**ISAZISO: ISIGUNYAZISO SENDALO ESINGQONGILEYO NGOKOMTHETHO 24 WOMTHETHO KAZWELONKE WENDALO ESINGQONGILEYO (UMTHETHO 107 KA-1998): IMITHETHO YEFUTHE KWINDALO ESINGQONGILEYO (2014) YEPROJEKTHI YE-TGS YOPHANDO LOQWALASELO LWASELWANDLE (ORANGE BASIN) OLUCETYWAYO, KULWANDLE OLU KUDE KUFUPHI NONXWEME LWASENTSHONA, EMZANTSI AFRIKA.**

Sikhupha isaziso sokuba ngokuvisisana nemiMiselo yokuHlolwa kweFuthe kwiNdalo esiNgqongileyo (EIA) (Isaziso sikaRhulumente R982 ngokohlengahlengiso, esikhutshwa phantsi komthetho woLawulo lweNdalo esiNgqongileyo (uMthetho 107 ka-1998-NEMA), le projekthi ichazwe ngasentla inikwe isiGunyaziso seNdalo esiNgqongileyo ngowe-17 kuTshazimpunzi 2023 liSebe lobuNcwane beziMbiwa ngokuphathelele oku kulandelayo:

- IsiGunyaziso seNdalo esiNgqongileyo (EA) ngokuvisisisana ne-NEMA- umsebenzi/imi:)-uMsebenzi oDwelisiweyo 21(b) (GNR 983): *Nawuphina umsebenzi kuquka izinto ezenziwa kuloo msebenzi ezifuna imvume yokwamkelwa ngokuhambisana necandelo 74 loMthetho woPhuhliso lobuNcwane beziMbiwa namaFutha, kwakunye nayiphina imisebenzi njengoko kubhalwe kwiSaziso soDweliso okanye iSaziso soDweliso 3 sika-2014, ofunekayo ukuze kufunyanwe imvume yokwamkelwa, ngaphandle -*

    *(a) kophonononongo olwenziwa ekhomphutheni; kunye*

    *(b) naluphina uhlolo olwenziwa emoyeni.*

Izizathu zesigqibo esibonelelweyo ligunya elifanelekayo zibonelelwa njengesongezelelo apha. Ikopi yesigqibo kunye nesiGunyaziso seNdalo esiNgqongileyo (EA) iyafumaneka xa uyicela kwii-EIMS ngokweenkcukacha ezibonelelwe apha ngezantsi:

- Umntu Ongaqhagamshelana naye: Andisiwe Xuma
- I-Reference Number Ye-EIMS: 1520
- Idilesi Yeposi: P.O. Box 2083; Pinegowrie; 2123
- Umnxeba: (011) 789 7170/ Ifeksi: (086) 571 9047
- I-E-mail: tgs@eims.co.za

Nceda uquke inombolo yeprojekthi 1520 kuyo yonke imbalelwano.

Ikopi yesigqibo ne-EA nazo ungazidawuloda kwiwebhusayithi ye-EIMS: https://www.eims.co.za/public-participation/

Xa unganqwenela ukufaka isiBheno kuso nasiphina isigqibo, isibheno singathi sifakwe nxamnye neso sigqibo ngokuvisisana nemiMiselo kaZwelonke yokuFaka isiBheno ka-2014 (iSaziso sikaRhulumente R993) phakathi kwiintsuku ezingama-20 zomhla wesi saziso kwaye simele sifakwe ngembalelwano kwifomu ebekelwe izibheno oyifumana kumlawuli wezibheno ofanelekileyo.

Isicatshulwa esivala kwisaHluko 2 seMimiselo yeziBheno kaZwelonke sinikelwe apha ngezantsi ukukwenzela lula:

*4(1) Lowo ufaka isibheno umele afake isibheno sakhe kumlawuli wezibheno, kwaye ikopi yesibheno inikwe umfaki-sicelo, nalo naliphina iqela elinomdla nelicaphazelekayo nalo naliphina icandelo likarhulumente elinomdla kulo mbandela phakathi kwiintsuku ezingama-20 ukususela:*

- *a) kumhla wesaziso ngesigqibo somfaki sicelo ngesigunyaziso sendalo esingqongileyo okanye ilayisenisi yokulawulwa kwenkunkuma iye yathunyelwa kumaqela abhalisiweyo nachaphazelekayo ngumfaki-sicelo; okanye*
- *b) kumhla apho isaziso esithunyelwe ngawo kumfaki sicelo ligunya elifanelekileyo, igunya elikhupha isigunyaziso okanye igunya elikhupha ilayisenisi, xa kusenzeka ukuba kubekho isigqibo esingesiso esokubhekiselwe kuso kwisiqendu (a).*

*4(2) Isibheno esifakiweyo simele:*

- *a) sifakwe ngembalelwano kwifomu efumaneka kumlawuli wezibheno; kwaye*
- *b) ikhatshwe*
  - *i. sisitatimente esibeka isiseko sesibheno;*
  - *ii. amaxwebhu axhasayo ekubhekiselwe kuwo xa kufakwa isibheno; kunye*
  - *iii. nesitatimente, esiquka amaxwebhu axhasayo, avela kumfaki-sicelo ukuqinisekisa ukuba ukuthotyelwa kommiselo 4(1) wale Mimiselo.*

Isibheno, kuquka nawaphina amaxwebhu axhasayo, simele sifakwe kubaLawuli beziBheno abaneenkcukacha zoqhagamshelwano ezibekwe apha ngenzantsi:

**1 – ISebe lezamaHlathi, ukuLoba neNdalo esiNgqongileyo**

UMlawuli woHlolo lweziBheno nezoMthetho

Iya ku: Director: Appeals and Legal Review

I-Email: appeals@dffe.gov.za

IPosi: Private Bag X 447, Pretoria, 0001

Ngesandla: Environmental House, Corner Steve Biko and Soutpansberg Street, Arcadia, Pretoria, 0083

**2 – I(ii)Kopi yesi(zi)bheno esi(zi)fakiweyo kwi-Petroleum Agency SA**

Iya ku: The Chief Executive Officer

I-Email: EAappeals@petroleumagencysa.com

Iposi: Private Bag X 5111, Tygervalley, 7536

Ngesandla: Tygerpoort Building, 7 Mispel Road, Belville, 7530

**3 – I(ii)Kopi yesi(zi)bheno esi(zi)fakiweyo kwiSebe lobuNcwane beziMbiwa naMandla**

Iya ku: Director: Legal Services[1]

I-Email: Pieter.Alberts@dmre.gov.za

Iposi: Private Bag X 59, Arcadia, 0007

[1] Nceda uqaphele ukuba njenge-I&AP ebhalisiweyo, kwaye ngokungqinelana noMgaqo-nkqubo wethu waBucala, iinkcukacha zakho zoqhagamshelwano njengoko ziqulathwe kuvimba weenkcukacha ze-I&AP ziya kwenziwa zifumaneke kuye nawuphi na umbheni ngesicelo ngenjongo yokuthobela uMmiselo 4(1).

Ngesandla: Trevenna Campus Building 2C, c/o Meintjies and Francis Baard Street, Sunnyside, 0007

Nceda uzive ukhululekile ukuqhakamshelana nalo usayine apha ngezantsi ukuba unayo nayiphina imibuzo okanye izinto ezikuxhalabisayo.

**Ngokuzithoba Okukhulu,**

Iqela le-EIMS leNtatho Nxaxheba yoLuntu